URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Patricia Van Niekerk**
ICandelo eliyiNtloko leZithili
Patricia.VanNiekerk@westerncape.gov.za | 021 467 2171

Inombolo yefayili: 27/12
Isalathiso: 20231214-621

ISetyhula: 0037/2023
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Imihla namaxesha amiselweyo ezicelo zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nolawulo lwengcaciso engokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ukwenzela u-2024/2025*

**Isihloko: Imihla namaxesha amiselweyo ezicelo zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nolawulo lwengcaciso engokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ukwenzela u-2024/25**

1. Iyaqhubeka ukukhula qho ngonyaka imfuno yokufakwa kwabafundi kwiindawo zokufunda ezikolweni eNtshona Koloni. Ukwenzela ukuba kulawulwe ngempumelelo ukwamkelwa kwabafundi ezikolweni, kucelwa izikolo zithobele la maxesha amiselweyo okwamkelwa kwabafundi adweliswe kule setyhula.

2. Imiqathango ekhankanywe kule setyhula isebenza kwizicelo zamaBakala R, 1 no-8 kwakunye nakwizicelo zokutshintshelwa kwesinye isikolo, ezifunyenwe ngo-**2024** zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngo-**2025**.

3. Le mihla ifanayo ilandelayo yokwamkelwa kwabafundi ezikolweni, inika ithuba iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe *iWCED*) lokucwangcisa ngobuchule obukhulu ukubonelelwa kwamagumbi okufundela, amanani ezithuba zootitshala awabelwe izikolo (*staff establishments*), ukuthengwa kweZibonelelo eziXhasa ukuFunda nokuFundisa kunye nezinye iinkqubo zongenelelo ngoncedo eziyimfuneko ukuqinisekisa ukuba izikolo zikulungele ukuvulwa kwakhona ngosuku lokuqala.

4. Kuphela ngabafundi abakubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo abafakelwa izicelo ngabazali zendawo yokufunda kumaBakala R, 1 okanye 8 abahlelwa njengabezicelo ezitsha esikolweni.

5. Zonke ezinye izicelo (amaBakala 2–7 nezamaBakala 9–12) zihlewa njengezicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo.

6. **Isistim yekhompyutha i-*School Admissions Management Information (SAMI)***

6.1 Abazali abaninzi nemibutho bavakalise inkxalabo malunga nezikolo ezinyanzela abazali ukuba bagcwalise ezinye iikopi ezingamaphepha okanye ezinye iifom zezicelo kwikhompyutha kunye/okanye ezifuna ukuba kungeniswe iinkcukacha ezongezelelweyo. Oku akukho mthethweni okanye kuyakhabana ne-*Protection of Personal Information Act (POPI Act), 2013 (Act 4 of 2013)*. Oku kukwabandakanya neenkcukacha ezinxulumene nokukwazi komzali ukuhlawula iifizi zesikolo okanye iinkcukacha zobuqu nezingendlela yokuziphatha.

6.2 Le setyhula ke ngoko ingqina ukuba **ulawulo** lokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ukwenzela u-2025, malwenziwe kwisistim ye-*SAMI* esemthethweni yeSebe iWCED yaye izikolo MAZINGASEBENZISI iifom zazo ezingamaphepha, iifom zekhompyutha okanye iisistim, okanye zicele naziphi na iinkcukacha ezongezelelweyo kubazali, oko kukuthi izenzo ezingangqinelaniyo ne-*South African Schools Act, (SASA)*, 1996 (*Act 84 of 1996)*, noMgaqo-nkqubo woKwamkelwa kwaBafundi kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo opapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 19377 yowe-19 Oktobha 1998, okanye ne-*POPI Act*.

6.3 ISebe iWCED lifumene iingcebiso ezimalunga nezomthetho *(legal opinion*) ezingqina ukuba yiNtloko yeSebe leMfundo kuphela evumelekileyo ukwamkela abafundi ngokwenkqubo yekhompyutha (*an online system*) okanye ngeefom zokwenza izicelo eziprintiweyo zeSebe iWCED.

6.4 Kukwaqinisekiswe nokuba iNtloko yeSebe leMfundo inokumisela ukuba yeyiphi na ingcaciso emayicelwe nemayihanjiswe kunye nezicelo zokwamkelwa kwabafundi yaye iyeyiphi ingcaciso engenakucelwa.

7. **Amaxesha amiselweyo ezicelo zokwamkelwa kwabafundi ezikolweni kusetyenziswa ikhompyutha**

7.1 **AmaBakala 1 no-8 KUPHELA**

Kucelwa izikolo ukuba ziwathobele la maxesha amiselweyo alandelayo okwamkelwa kwabafundi ezikolweni eSebe i*WCED* **naya kusebenza KUPHELA kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.**

| IMIHLA YANGO-2024/25 (EZAMABAKALA 1 NO-8 KUPHELA) | UMSEBENZI |
|---|---|
| 14-16 Februwari 2024 | Izikolo zizalisa yaye zisayinele kwikhompyutha amanani obhaliso acwangcisiweyo kwisistim ye-*SAMI* |
| 21-23 Februwari 2024 | Abaphathi beesekethe baqinisekisa yaye basayinele kwikhompyutha amanani obhaliso acwangcisiweyo kwi-*EduInfoSearch*. |
| **ISIGABA 1 – ISICELO SOMZALI** | |
| 11 Matshi 2024 | Izikolo **zivula** inkqubo yokwamkelwa kwabafundi bamaBakala 1 no-8 (zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo). |
| 12 Apreli 2024 | Izikolo **zivala** inkqubo yokwamkelwa kwabafundi bamaBakala 1 no-8 (zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo). |
| 15 Apreli – 17 Meyi 2024 | Izikolo zisingatha izicelo zamaBakala 1 no-8. |
| **22 Meyi 2024** | **Iinqununu ziqukumbela yaye zisayinele zonke iimo zezicelo zamaBakala 1 no-8 kwi-*SAMI*** |
| 27 Meyi 2024 | Abaphathi beesekethe basayinela zonke iimo zezicelo zamaBakala 1 no-8 kwi-*EduInfoSearch*. |
| 29 Meyi 2024 | Isistim ekwikhompyutha ibonisa isiphumo sazo zonke izicelo zamaBakala 1 no-8. |
| 29 Meyi - 03 Juni 2024 | Abazali baziswa ngesiphumo nge-imeyili/nge-*SMS* |
| **29 Meyi – 14 Juni 2024** | **Abazali bangqina ukuba bayazamkela iindawo zokufunda zamaBakala 1 no-8.** |
| **ISIGABA 2 – UKUFAKWA KWINDAWO YOKUFUNDA SISIKOLO** | |
| 14 Juni – 31 Julayi 2024 | Izikolo zizalisa iindawo ezifumanekayo zokufunda zamaBakala 1 no-8 |
| 15 Juni, kude kugqitywe ukufakwa kwabafundi kwiindawo zokufunda | Abazali baziswa ngeendawo zokufunda. Abazali bamkela yaye baqinisekise ukufakwa kwiindawo zokufunda kwabafundi zingadlulanga **iintsuku ezintathu**. |
| **ISIGABA 3 – UKUFAKWA KWINDAWO YOKUFUNDA ZIZITHILI** | |
| 31 Julayi 2024 – Ukuqukunjelwa kokwamkelwa kwabafundi | ISebe iWCED lisombulula yaye lifaka abafundi abangafakwanga kwiindawo zokufunda ngokubonisana nezikolo. |
| Emva kokusayinelwa kwenkqubo yokudlulela kwesinye isigaba nokupasa. | Izikolo zingqinisisa amanani obhaliso. |

7.2 **IBakala R KUPHELA**

Kucelwa izikolo ukuba ziwathobele la maxesha amiselweyo alandelayo okwamkelwa kwabafundi ezikolweni eSebe *iWCED* **naya kusebenza KUPHELA kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo**

| IMIHLA YANGO-2024/25 (EZAMABAKALA R KUPHELA) | IMISEBENZI |
|---|---|
| **ISIGABA 1 – ISICELO SOMZALI** | |
| 01 Agasti 2024 | Izikolo **zivula** inkqubo yokwamkelwa kwabafundi **bamaBakala R** (kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo) |
| 16 Agasti 2024 | Izikolo **zivala** inkqubo yokwamkelwa kwabafundi **bamaBakala R** (kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo) |
| 17 Agasti 2024 – 04 Septemba 2024 | Izikolo zisingatha izicelo **zamaBakala R** |
| **06 Septemba 2024** | **Iinqununu ziqukumbela yaye zisayinele zonke iimo zezicelo zamaBakala R kwisistim yeSAMI.** |
| 10 Septemba 2024 | Abaphathi beesekethe basayina zonke iimo zezicelo **zamaBakala R** kwi-*EduInfoSearch*. |
| 17 Septemba 2024 | Isistim ekwikhompyutha ibonisa isiphumo sazo zonke izicelo **zamaBakala R** |
| 17 – 19 Septemba 2024 | Abazali baziswa ngesiphumo nge-imeyili/nge-*SMS* |
| **17 – 30 Septemba 2024** | **Abazali bangqina ukuba bayazamkela iindawo zokufunda zamaBakala R** |
| **ISIGABA 2 – UKUFAKWA KWINDAWO YOKUFUNDA ZIZIKOLO** | |
| **01 – 18 Oktobha 2024** | Izikolo zizalisa iindawo ezifumanekayo zokufunda |
| 01 Oktobha 2024 kude kuqukunjelwe ukwamkelwa kwabafundi | Abazali baziswa ngeendawo zokufunda. Abazali bamkela yaye baqinisekisa iindawo zokufunda zingadlulanga **iintsuku ezintathu**. |
| **ISIGABA 3 – UKUFAKWA KWINDAWO YOKUFUNDA SISITHILI** | |
| **19 Oktobha 2024** – Ukuqukunjelwa kwenkqubo yokwamkelwa kwabafundi | ISebe iWCED lisombulula yaye lifaka abafundi abangafakwanga kwiindawo zokufunda ngokubonisana nezikolo. |
| Emva kokusayinelwa kwenkqubo yokudlulela kwesinye isigaba nokupasa | Izikolo zingqinisisa amanani obhaliso. |

8. **Izicelo zokutshintshelwa kwesinye isikolo**

8.1 Isicelo sokutshintshelwa kwesinye isikolo sichazwa njengesicelo somzali sokuba ufuna indawo yokufunda kumaBakala 2–7 okanye kumaBakala 9–12.

8.2 Ngenxa yemfuno engamandla yeendawo zokufunda, iSebe iWCED liya kuthathela ingqalelo izicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo kuphela apho umzali efudukele kwenye indawo. Abafundi abaphumayo kumababakala okanye iimeko ezixhomisa amehlo, ziya kuthathelwa ingqalelo ngumphathi wesekethe.

8.3 **Inkqubo yokufakwa kwezicelo (ezingamaphepha) zokutshintshelwa kwesinye isikolo (amaBakala 2–7 namaBakala 9–12)**

8.3.1 Kucelwa niqaphele ukuba abazali **abayi kubanako ukufaka izicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo** kwisistim i-*SAMI* ngokwabo.

8.3.2 Abazali kuya kufuneka bazalise **ifom yokutshintshelwa kwesinye isikolo** eliphepha *(hard copy **transfer request form**)* baze bayingenise ifom ezaliswe ngokupheleleyo ehamba namaxwebhu axhasayo esikolweni abasikhethayo okanye kweyona ofisi yesithili ekufutshane.

8.3.3 Izikolo ziya kubanako ukufaka izicelo apho umzali afuna atshintshelwe khona umfundi kweso sikolo.

8.3.4 Izithili ziya kubanako ukufaka izicelo kwizikolo ezininzi.

8.4 **Imihla emiselweyo kwizicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo (izikolo nezithili KUPHELA)**

Izicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo zizicelo zamaBakala 2–7 namaBakala 9–12.

| **IMIHLA YANGO-2024/25 (IZICELO ZOKUTSHINTSHELWA KWEZINYE IZIKOLO: AMABAKALA 2–7 NAMABAKALA 9–12)** | **UMSEBENZI** |
|---|---|
| **ISIGABA 1 - IZIKOLO NEZITHILI KUPHELA** | |
| 01 Agasti 2024 | **Isistim ivulelwa** izikolo nezithili ukuba zifake izicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo kwi-*SAMI system* (zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo). |
| 16 Agasti 2024 | **Isistim iyavalwa** kwizikolo nezithili ukuba zifake izicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo kwi-*SAMI system* (zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo). |
| 17 Agasti 2024 – 04 Septemba 2024 | Izikolo zisingatha **izicelo zokutshintshelwa kwesinye isikolo**. |

| | |
|---|---|
| **06 Septemba 2024** | **Iinqununu ziqukumbela yaye zisayinele imo zezicelo zokutshintshelwe kwezinye izikolo kwi-*SAMI system*.** |
| **ISIGABA 2 – UKUFAKWA KWABAFUNDI ZIZIKOLO** | |
| **01 – 18 Oktobha 2024** | Izikolo zizalisa iindawo ezisafumanekayo. |
| 01 Oktobha 2024 kude kugqitywe ukufakwa kwabafundi. | Abazali baziswa ngeendawo ezifumanekayo. Abazali mabakuvume yaye bakuqinisekise ukuyamkela indawo afakwe kuyo umfundi zingadlulanga **iintsuku ezintathu.** |
| **ISGABA 3 – UKUFAKWA KWABAFUNDI ZIZIKOLO** | |
| **19 Oktobha 2024**– ukuqukunjelwa kokwamkelwa kwabafundi. | ISebe iWCED lisombulula yaye lifaka abafundi abangafakwanga kwiindawo zokufunda ngokubonisana nezikolo. |

8.5 Inkqubo yokwenza isicelo iqhutywa ngezigaba ezithathu.

(a) **Kwisigaba sokuqala**, abazali bafaka izicelo, zona izikolo zenza isigqibo ngokufakwa kwabafundi kwiindawo zokufunda.

(b) **Kwisigaba sesibini**, amagosa ezikolo nezithili zemfundo zenza isigqibo ngokufakwa kwabafundi kwiindawo zokufunda.

(c) **Kwisigaba sesithathu**, amagosa ezithili zemfundo enza isigqibo ngokufakwa kwabafundi kwiindawo zokufunda

## 9. Inkqubo yokwenza isicelo

9.1 Njengegosa elijongene nalo msebenzi, **inqununu** mayisayinele imo yezicelo (*status*) kwi-*Online Admissions System* **ngowe-22 Meyi 2023 (AmaBakala 1 no-8)**, **nangowe-06 Septemba 2024 (zamaBakala R nezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**, (**njengoko imo yesicelo esiphumeleleyo ingenakurhoxiswa emva kokuba isiphumo sipapashiwe nabazali bazisiwe ngokunjalo.**

9.2 **Izikolo AZINAKO ukutenxa kumaxesha amiselweyo achaziweyo.**

9.3 **Izikolo MAZINGABACHAZELI abazali iziphumo zemo yezicelo (*status*) zabo phambi kokuba zipapashwe/zibonsiwe kwisistim ye-*SAMI*.**

9.4 Izikolo azinako ukucela abazali ukuba bangqine ukuyamkela kwabo indawo phambi komhla omiselweyo njengoko abazali benelungelo lokulinda de zibe zonke izikolo zibazisile abazali ngesiphumo sesicelo sabo.

9.5 Ukuba abazali abakuqinisekisi ukuyamkelwa kwabo indawo okokugqibela phambi komhla nexesha elimiselweyo, isistim ye-*SAMI* iya kumfaka umfundi ngokuzenzekelayo kwisikolo sokuqala esikuluhlu esinendawo yokufunda.

9.6 Ukuba abazali abakuqinisekisi ukuyamkelwa kwabo indawo ungadlulanga owe-**14 Juni 2024**, **nowe-30 Septemba 2024 (ezamaBakala R neBakala 8 zokutshintshelwa kwezinye**

**izikolo),** izikolo zinako ukubanika ezo ndawo abafundi abakuluhlu lokulinda okanye abanye abafundi abasafuna ukufakwa kwiindawo zokufunda.

9.7 Isistim ye-*SAMI* ivelisa uluhlu lwabafundi abangafumananga ndawo abaqwalaselwayo *("placement in progress" (unplaced) learners*) yaye ibonisa ukuba zeziphi na izikolo ezineendawo ezikhoyo.

9.8 Kubalulekile ke ngoko ukuqinisekisa ukuba amanani obhaliso acwangcisiweyo achanekile yaye ziyaqwalaselwa izicelo ingadlulanga imihla emiselweyo ukuqinisekisa ukuba amagosa aneenkcukacha ezichanekileyo. Ezi nkcukacha ziya kusetyenziselwa ukwazisa abazali ngeendawo zokufunda ezifumanekayo.

9.9 Luxanduva lwabazali ukuqinisekisa ukuba bamfumanele indawo umfundi kwesinye isikolo phambi kokuba bamtshintshele kwesinye isikolo.

9.10 Kucelwa izikolo zenze konke okusemandleni ukuxhobisa abazali ukuba bafake izicelo kwikhompyutha kwisistim ye-*SAMI* ngokubanceda ngezi ndlela zilandelayo:

(a) Amabhunga olawulo anokubavumela abazali bafikelele yaye basebenzise ilebhu yekhompyutha yaye babekwe esweni ngokwemiqathango ebekiweyo apho ikwiqondo eliphantsi kakhulu imingcipheko engayilahleko enokubakho.
(b) Abazali, ootitshala, abasebenzi bezolawulo, abafundi abazii-*interns* okanye abanolwazi ngekhompyutha abathembekileyo bamaBakala 7 ukuya ku-12, banokuvolontiya ukuncedisa abazali kwinkqubo yokufaka isicelo kwikhompyutha.

9.11 Kwiimeko apho kungekho intanethi, abazali banokungena ku-intananethi kwiilayibrari zomntu wonke, bafake izicelo zabo ngqo ezikolweni okanye bacele uncedo kwi-ofisi yesithili.

9.12 Abazali abeza ngqo ezikolweni becela uncedo malunga nokwamkelwa kwabafundi esikolweni mabangaze bajikiswe.

9.13 Yonke imibuzo (ngefoni, nge-imeyili, yabaya kwiziko labenzelwa iinkonzo) emalunga nokwamkelwa kwabafundi, mayifakwe kwiprofayili yesicelo somfundi kwisistim ye-SAMI.

9.14 Izikolo mazinike abazali **ifom yokwamkelwa kwabafundi** nekufuneka ifakwe kwisistim egameni lomzali.

9.15 Kwimeko yezicelo zokutshintshelwe kwezinye izikolo, izikolo mazinike abazali ifom eyi-***WCED transfer request form*** nemayifakwe kwisistim egameni lomzali.

9.16 Izikolo namagosa ezithili zemfundo zicetyiswa ngamandla ukuba ziyamkele imbalelwano eziyifumene kubazali yaye ziyiphendule nayiphi na imibuzo zingadlulanga iintsuku ezili-10 zesikolo.

9.17 Zonke iingxoxo nembalelwano nabazali/nabagcini/nabanonopheli babafundi okanye abameli babo, mazifakwe kwi-*SAMI system.*

9.18 Kucetyiswa abazali ngokungqongqo ukuba benze izicelo kwizikolo ezininzi. Oku kuya kuqinisekisa ukuba abazali bangakhetha enye indawo enokufumaneka ukuba ayifumaneki indawo kweso sikolo bebesikhethile.

9.19 Abazali kufuneka bazichaze ngokulandelelana kwazo izikolo abazikhethayo kwi-SAMI . Oku kuphelisa ukuvalwa kweendawo (*blocking of spaces*) okulibazisa ukuqukunjelwa kokwamkelwa kwabafundi iminyaka ngeminyaka. Izikolo azinako ukubona izikolo abazikhethayo kuqala abafundi.

9.20 Abazali mabasebenzise le dilesi yeziko lewebhu ilandelayo, https://wcedonline.westerncape.gov.za ukuchaza indawo yokugqibela abayikhethayo. Eli ziko lewebhu linokufikelelwa nangesiphi na izixhobo ezikwaziyo ukufikelela ku-intanethi, ezinjengeelephutophu, iikhompyutha, iithablethi nkqu neeselula ii-*smartphones.*

9.21 Zonke izicelo, nokuba zifakwe kwikhompyutha ngumzali okanye ziziswe ngesandla esikolweni, KUFUNEKA zifakwe kwikhompyutha yaye mazisingathwe kwistim i-*SAMI.*

9.22 Izikolo maziqale ziqwalasele izicelo ezifakwe ngexesha elisemthethweni lokwamkelwa kwezicelo.

9.23 Kucetyiswa ukuba kwimeko yokufakwa kwesibheno esimalunga nokwamkelwa komfundi, imbambano okanye umngeni ngokumalunga nomthetho, zinokucelwa izikolo zinikezele ngeenkcukacha ezingesicelo eso, ezifana nokuba sasiqwalaselwe nini yaye ngayiphi indlela isicelo eso. Naziphi na iinkcukacha ezifunekayo ukusombulula ukungavisisani, ziya kuthi emva koko zithathwe kwiziko ledatha elisemthethweni leSebe i*WCED* ekufumaneka kulo ingcaciso yokwamkela abafundi.

9.24 Kukhunjuzwa izikolo ukuba abazali bangayitshekisha imo yesicelo sabo kwisistim i-*SAMI* ngalo naliphi na ixesha. Kubaluleke gqitha ke ngoko ukuba izikolo ziqinisekise ukuba isiphumo esichanekileyo siyaboniswa/siyavela kwisistim ekwikhompyutha

9.25 Izikolo nezithili MAZIFAKE zonke izicelo ezifike emva kwexesha ezifunyenweyo.

## 10. Abazali baqinisekisa ukuyamkela indawo yokufunda nokungenisa amaxwebhu ahamba nezicelo

10.1 Abazali mabakungqine ukuyamkela indawo abayikhethayo yokugqibela yabo phambi ko-**00:00** ngowe-**14 Juni 2024 (zamaBakala 1 no-8) nangowe-30 Septemba 2024 (zamaBakala R nezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**. Ukuba abazali abakungqini ukuyamkela kwabo indawo okokugqibela ungadlulanga lo mhla nexesha, isistim i-*SAMI* iya kumnika ngokuzenzekelayo indawo yokuqala ebe yimpumelelo kwisikolo esikuluhlu.

10.2 Abazali bangakungqina ukuyamkela indawo ngezi ndlela zilandelayo:

(a) ngokungqina ngqo kwisistim i-*SAMI ;*
(b) bangasayina yaye bangenise ileta yokungqina/iphetshana lokuphendula ngqo kwisikolo; okanye
(c) banokuqhagamshelana ne-ofisi yesithili ekufutshane nabo.

10.3 Izikolo mazifake (*upload)* emva koko iileta/iziliphu zempendulo, ezazingeniswe kuzo ezibubungqina bokuyamkela indawo (*confirmations of the acceptance*) kwisistim i-*SAMI* phambi **ko-00:00 ngowe-14 Juni 2024 (zamaBakala 1 no-8) nangowe-30 Septemba 2024 (zamaBakala R nezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**.

10.4 Abazali mabafake iikopi zamaxwebhu axhasayo afunekayo kwisistim i-*SAMI* xa befaka izicelo.

10.5 Abazali mabaziswe ukuba ifom yokwamkelwa komfundi ezaliswe ngokupheleleyo ayiqinisekisi ukuba umfundi uyayifumana indawo yokufunda esikolweni ngokuzenzekelayo ukuba isikolo asinazo iindawo ezifumanekayo ngokwesicwangciso samanani obhaliso acetywayo.

10.6 **Emva komhla we-14 Juni 2024 (amaBakala 1 no-8) nowe-30 Septemba 2024 (amaBakala R nezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**, abazali mabangenise iikopi eziqinisekisiweyo zamaxwebhu axhasayo esikolweni apho kwakungeniswe okanye kwakuqinisekiswe ubungqina bokwamkelwa kwesicelo somfundi sango-2025. Oku kufuneka kwenziwe zingaphelanga **iintsuku ezisixhenxe** zesikolo emva kokuqinisekiswa kokwamkelwa komfundi.

10.7 Amabhunga olawulo anelungelo lokuzikhaba izicelo ukuba abazali bangenisa iinkcukacha okanye amaxwebhu abubuxoki/amaxwebhu angeyonyani okanye obuqhophololo.

10.8 Emva kwengqinisekiso yokuyamkela indawo yokufunda ngabazali, izikolo zinokuqhubeka ukunika abafundi iindawo ezivulekileyo abakuluhlu lokulinda okanye abanye abafundi abasafuna ukufakwa ezindaweni.

## 11. Ukusombulula iimeko apho abafundi bengayifumananga indawo esikolweni

11.1 Abafundi abasele besesikolweni nabafaka izicelo zonyaka olandelayo kwisikolo esahlukileyo abathathwa njengabafundi abangafakwanga ezindaweni.

11.2 Kwimeko apho abafundi basadinga indawo yokufunda kunyaka olandelayo mababoniswe ngo-"***placement in progress".***

11.3 Amagosa ezithili achaphazelekayo anoxanduva lokulawula ukwamkelwa kwabafundi ezikolweni, aya kukwazi ukufumana izintlu (*lists)* zabafundi abangafakwanga ezindaweni

zokufunda nezo ndawo zifumanekayo kwizikolo kwisithili eso. La magosa aya kucelwa ukuba ancedise kwinkqubo yokufakwa kwabafundi ezikolweni ngokuthethathethana nezikolo kwizithili nakwiisekethe ezichaphazelekayo.

11.4 **Inkqubo esemthethweni yomzali ocela uncedo lokufakwa komfundi esikolweni ngethuba lesigaba 1**

11.4.1 Umzali/umgcini/umnonopheli womfundi **KUFUNEKA:**

(a) aqhagamshelane neyona ofisi ikufutshane ukufumana uncedo;

(b) azalise yaye angenise ifom yesicelo eyi-*WCED online application form*; yaye

(c) angenise iikopi ezingqinisisiweyo, ezifundekayo zamaxwebhu ayimfuneko kwi-ofisi yesithili.

11.4.2 Abazali abangenako ukuya kwi-ofisi yesithili, banokuya kwesona sikolo sikufutshane ukufumana uncedo.

11.4.3 Abazali mabaziswe ukuba ifom ezaliswe ngokupheleleyo engeniswe esikolweni ayiqinisekisi ukufumaneka kwendawo yokufunda esikolweni.

11.4.4 ISebe i-*WCED* alinako ukunceda abazali ukuba abayithobeli imigaqo yale nkqubo ingentla.

11.5 **Inkqubo emiselweyo yabazali abanezicelo eziya ezikolweni ezingaphumelelanga**

11.5.1 **<u>Phambi</u> kowe-31 Julayi 2024 (amaBakala 1 no-8) <u>naphambi</u> kowe-18 Oktobha 2024 (ezamaBakala R nezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**

(a) Umzali makaqale athethane nesikolo ukuzama ukusombulula ingxaki yokufakwa kwabafundi kwiindawo zokufunda.

(b) Abazali bacetyiswa ukuba benze oku kulandelayo phambi kowe-31 Julayi 2024 (amaBakala 1 no-8) naphambi kowe-18 Oktobha 2024 (amaBakala R <u>nezokutshintshelwa kwezinye izikolo):</u>

(i) Mababhalele isikolo bacele ukuba siphinde siqwalaselwe isigqibo sabo yaye banike izizathu ezixhasa oku zokuba kungani na isicelo (izicelo) simelwe ukuqwalaselwa kwakhona.

(ii) Mabasoloko beqhagamshelana nezikolo ezikuluhlu lwabo. Mabagcine irekhodi yayo yonke imbalelwano.

(c) **Makuqwalaselwe ukuba iSebe i-WCED alinako ukuncedisa okanye ukuqinisekisa iindawo zokufunda kwizikolo abazikhethayo.**

11.5.2 **<u>Emva</u> kowe-31 Julayi 2024 (amaBakala 1 no-8) <u>nasemva</u> kowe-18 Oktobha 2024 (ezamaBakala R nezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**

(a) Amagosa eSebe iWCED aya kuyiqala inkqubo yokufumana nokuqinisekisa ukubakho kweendawo zokufunda kubafundi.

(b) Apho abafundi bengekafumani ndawo zokufunda, iSebe iWCED ngokubonisana nezikolo, liya kungenelela ngethuba lekota yesithathu neyesine ukufaka abafundi ezikolweni.

12. **Izicelo zezibheno eziya kuMphathiswa weMfundo wePhondo**

12.1 Izicelo zezibheno kuMphathiswa weMfundo wePhondo, ngokwesiqendu (*section)* 5(9) se-*SASA,* ziya kuvulelwa izicelo zamaBakala **1 no-8** ngowe-**01 Agasti 2024**.

12.2 Izicelo zezibheno eziya kuMphathiswa weMfundo wePhondo, ngokwesiqendu 5(9) se-*SASA,* ziya kuvulelwa **izicelo zeBakala R nezicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo** ngowe-**01 Oktobha 2024**.

13. **Inkqubo yokupapasha ingcaciso engokwamkelwa kwabafundi**

13.1 ISebe i-*WCED* liya kuqalisa inkqubo yokupapasha ingcaciso engokwamkelwa kwabafundi epheleleyo eya kuquka iintlobo ngeentlobo zopapasho namaqonga okwazisa uluntu.

13.2 Oku kuya kuquka amaphephandaba, iiphowusta, amaphetshana, izibhengezo zentengiso kwakunye nerediyo namaqonga onxibelelwano oluntu achaphazelekayo.

13.3 Iiseshoni zengcaciso noqeqesho ezongezelelweyo kwi-*SAMI system* ziya kuqhutyelwa onke amagosa nabasebenzi abajongene nokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ngo-Januwari ukuya kuFebruwari 2024. Iinkcukacha ngezi seshoni ziya kulandela.

14 Iinqununu ziya kuthwaliswa uxanduva lokuphendula kwiimeko apho izikolo zingazithobeliyo iimfuno ezimiselweyo ezicaciswe kule setyhula yaye kunokuthathwa inyathelo loluleko ukuba kufunyaniswe ukuba aziyithathelanga ngqalelo okanye ziyiphephile imiqathango yale setyhula.

15. Yonke imibuzo ngokwamkelwa kwabafundi mayibhekiswe kwiNtloko yoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko (*Head: Management and Governance*) okanye kumphathi wesekethe ochaphazelekayo kwisithili ngasinye.

16. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-12-19